# ISALATHISO

Mfundi obekekileyo ........ iv
Isebenza njani le ncwadi? ........ v
Intshayelelo ........ vii
Isinikezelo ........ viii

Inoveli ........ 1-60

Iindaba ezimnandi ........ 1
UNtsiki ungenwa yintaka ........ 3
UNikita ........ 6
UNikita ushiya ikhaya ........ 10
UNtsiki undanda ngenqwelomoya ........ 16
UNtsiki eRhawutini ........ 19
UNtsiki uhlangana nosapho lwakwaTom ........ 23
Ukwamkelwa kukaNikita ........ 25
UNikita nempilo yasezilalini ........ 29
UNtsiki nempilo yaseRhawutini ........ 34
UNtsiki esibhedlele ........ 39
UNikita uyaqhwesha ........ 42
UNikita ufumana umhlobo ........ 44
UNtsiki nekwayala yomculo ........ 47
Ungqondongqondo onguNikita ........ 49
UBonita noThandiwe ........ 53
Izixhobo zeNoveli ........ 61-65
- Isakhiwo sebali
- Abalinganiswa nokubunjwa kwabo
- Isimo sentlalo
- UNobalisa/ uMbalisi
- Umxholo
- Isimbo sokubhala
- Ukusetyenziswa kolwimi


Imibuzo ........ 66-71
Imbali ngombhali ........ 72

lwaphuma ngomlomo kuNtsiki.

'Ingaba loo nto ithetha ukuba ndim ophumelele olu khuphiswano? Owu, Yehova! Ingaba ntle loo nto.' Ezi yayiziingcinga zikaNtsiki ngelixa etyhudisa phakathi kwabantwana besikolo esiya ngaphambili.

"Nguwe uNtsiki?" labuza eli gosa akuba efikile ngaphambili.

"Ewe, mhlekazi ndim;" watsho uNtsiki, ilizwi selithanda ukungcangcazela. "Ingaba imayela nantoni yonke le nto mhlekazi?"



Kwisahluko sentshayelelo kulindeleke ukuba umbhali asidibanise nabalinganiswa ingakumbi abo badlala indawo ephambili. Kwesi sahluko umbhali usidibanise noNtsiki omnye wabalinganiswa abaphambili kule noveli.

"Ndiyabathanda abantwana ababuzayo, Ntsiki. Ukuphendula umbuzo wakho ke mandenjenje – Ndinemincili yokukwazisa ukuba kuso sonke esi Sithili sesi-8 kweli laseMpuma Koloni, nguwe ophume phambili! Ngoko ke zilungiselele ukubheka eRhawutini ekupheleni kwenyanga yeSilimela." Kwaqhwatywa izandla ngabantwana neetitshala. UNtsiki wasuka wema apho wadenga[4], engayikholelwa yonke loo nto. Yayifana nephupha kuye yonke le nto, esithi mhlawumbi kukho umntu osaza kumvusa kobo buthongo wayebuphupha. Kodwa endaweni yokuba avuswe ebuthongweni, lafika ixesha lokuba kuyiwe emagumbini okufundela, yaqhubeka imini njengesiqhelo.

4 **Wamatha**

# UNtsiki ungenwa yintaka

Yayisele itshintshile ngoku indlela awayeziva ngayo uNtsiki malunga nohambo lwakhe oluya eRhawutini. Ewe, wayeqale ngochulumanco[5] kodwa kunamhlanje nje wayesithi xa acinga ngohambo lwakhe azale luloyiko. Ekuqaleni wayenemincili yokuba uza kukhe naye asuke kule lali wazalelwa, wakhulela waphinde wafundela kwakuyo. Ngoku wayeza kutsho abethwe ngumoya kwenye indawo. Wayecinga ngabahlobo abatsha awayeza kuba nabo, isikolo esitsha esinazo zonke izinto ezifunekayo xa kufundwayo, amabala okudlala asemgangathweni ophezulu, nayo yonke into. Kodwa kutsha nje wayesithi xa ecinga ngohambo lwakhe angonwabi konke konke. Wacinga ngabazali bakhe abatsha awayeza kuhlala nabo. "Bangabantu abanjani? Xa benganditha ndi apha, yinto endiza kuyithini leyo? Khona, njengokuba ndingaqhelanga nokuthetha isiNgesi rhoqo nje, ndiza kukwazi njani ukuthetha nabo? Esikolweni khona ndiza kwenza njani? Ndiza kufikela kubantwana abakrelekrele ukugqitha mna phaya. Xa ndingaphumeleli ekupheleni konyaka ndiza kuthini?" Wathi akufikelwa zizo zonke ezi ngcinga uNtsiki, ingqondo yakhe yema ngxi, wangathi uza kuphambana.

"Makhulu, andisafuni mna ukuya eRhawutini," kutsho uNtsiki.

"Kuba kutheni na ntombam?" kubuza unina ngoku kungabhekiswanga kuye.

"Xa ndifika phaya ndibe sisidenge mama? Xa ndifika phaya ndingakwazi ukuthetha isiNgesi, ndithini? Utitshala uNqawe undixelele ukuba sisikolo sabelungu esiya! Kwaye naba bantu ndiza kuhlala nabo ngabelungu. Andiqhelanga kuthetha siNgesi mna. Ndiza kuthetha njani nabo? Xa ndifika phaya ndingakwazi uku…."

"Hayi, hayi Ntsiki sana lwam, ungayicingi nokuyicinga leyo yona into. ERhawutini kulapho uya khona. Musa ukucinga ngoloyiko. Xa ulahla eli thuba, uthi uza kuphinde ulithathe phi elinye? Khumbula Ntsiki ukuba ayipheleli apha le nto mntwana wam. Aba bantu bakuthembisile ukuba emva kokuba ugqibe izifundo zakho zebanga leshumi elinambini, baza kukufundisa

> Okunye okulindelekileyo kwisahluko sentshayelelo kukuba umbhali asivezele ngeyona nto iza kudala ukubethabethana kwezimvo okanye impixano. Xa siqala esi sahluko sesibini umbhali uyasisebezela ukuba ikho into eza kudalwa kukutshintsha impilo kukaNtsiki.

> Ngentla apha uNtsiki uvezwa enempixano yangaphakathi, ukutsho oko kubethabethana izimvo ngaphakathi kuye malunga nokutshintsha kwakhe impilo esuka ezilalini esiya edolophini.

5 **Ngovuyo, ngemincili**